Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo line:

   CANDELO A: Uncwadi (40 amanqaku)

2. Phendula imibuzo kwincwadi ENYE oyifundisiweyo (40 amanqaku).

3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kombuzo ngamnye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   Yimibuzo emibini enamanqaku angama-40: Imizuzu engama-90 umbuzo ngamnye.

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**QAPHELA:**

Phendula imibuzo esekwe kwiDrama/kwiNoveli oyifundisiweyo kuphela.
Kwincwadi oyifundisiweyo phendula yoMIBINI imibuzo esekwe kuyo.

**IDRAMA: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau**

**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

*(**Echopha esitulweni** uNomhi ugalela isiselo esibandayo emnika akugqiba ahlale ecaleni ...)*

NOMHI: Kutheni kwanga kukho into ekutyayo nje s'thandwa?
NZIMA: Mhimhi, intliziyo yam ibuhlungu ubona nje.
NOMHI: Kwenzeke ntoni?
NZIMA: Amathemba am okuya esikolweni kulo nyaka uzayo atshabalele.
NOMHI: Atshabalele! Ngokuba kutheni?
NZIMA: Ixhego lam linesifo sentliziyo.
NOMHI: *(Esothuka.)* Hayi sheyim s'thandwa, imqale nini ke phofu intliziyo?
NZIMA: Sekumzuzu wena, kodwa ke ubesoloko ekhangeleka omelele. Ngoku kukhangeleka ingathi ithathe unyawo kangakokuba uza kuthatha umhlala-phantsi.
NOMHI: Isikolo ke ngoku singena phi kule nyewe?
NZIMA: Unani na Mhimhi ukucinga okosana? Kaloku xa utata engasebenzi kulo mnyaka uzayo loo nto ithetha ukuthi akusoze kubekho mali yakundifundisa. Uyazi nje nawe ukuba yimali ethethayo kule mihla.

1.1.1 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha igama elichanekileyo kwizibiyeli.

Amagama ezalathisi zaseqongeni abhalwe ngqindilili abonisa (into eyenziwa nguNomhi/indlela aziva ngayo uNomhi). (1)

1.1.2 Yintoni eyenza ukuba uNzima abenentliziyo ebuhlungu ngokwesicatshulwa? (2)

1.1.3 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Igama 'Sekumzuzu' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwintetho kaNzima lithetha ukuba (akasaguli/uza kugula/kudala egula) utata kaNzima. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.4 Xela isigulo anaso utata kaNzima. (1)

1.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Intetho kaNomhi ethi: '… Hayi sheyim s'thandwa, …', imveza njengomntu ...

A ongenasizi.
B okhohlakeleyo.
C onosizi.
D ongakhathaliyo. (1)

1.1.6 Isixelela ntoni ngempilo katata kaNzima intetho ethi, '... ingathi ithathe unyawo'. (2)

1.1.7 Ingaba uNzima uyeke esakufuna ukufunda? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (2)

1.1.8 Zeziphi iindaba ezimnandi uNomhi aye wazixelela uNzima ngale mini yale ncoko ikwesi sicatshulwa? (2)

1.1.9 Chaza ukuba ubuhlobo bukaVido noNzima buncede njani ukudibanisa uNomhi noNzima kwakhona. (2)

1.1.10 Kwenzeke ntoni kumtshato kaNomhi noDuke ngenxa yesibhambathiso sikaNomhi noNzima? (2)

1.1.11 Cacisa ukuba ukugula kukatata kaNzima kubenesiphumo esibi kuthando lukaNomhi noNzima.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Kubachaphazele njani uNzima noNomhi. (1)

(b) Kubenasiphumo sini oku ukuxele ku-a. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B**

*(Uthe cwaka uNomhi eqondele phantsi.)*

MATE: Kufuneka uthathe isigqibo ngobomi bakho. UDuke ngoyena mfana ukufaneleyo apha ngaphakathi. Uthini ke ngaloo nto?

NOMHI: Kodwa Mate ndisesengxakini okwangoku ndithetha nawe nje?

MATE: Uyibiza ingxaki into yokubanjwa kukaNzima?

NOMHI: Andikwazi ukusuka ndenze nje okunga akukho nto ihlileyo Mate. Isazela sam siyandicikida Mate.

MATE: Mhimhi, kufuneka uthathe isigqibo ngobomi bakho **ukuba usafuna ukuzibona kula masango eli ziko**.

NOMHI: Kulungile ke Mate ndivile.

MATE: *(Emanga ngemincili.)* Usis'thandwa Mhimhi. Ndiyakuqinisekisa ukufanele uDuke kwaye ulapha phambi kwethu yonke imihla.

NOMHI: Mate ndiza kubona emva kwethuba ndisaya kubona nto yimbi endiza kuyenza ngoku.

MATE: *Ok!* Kulungile ke nkosikazi Mabaso.
*(Uyaphuma uNomhi. UMate uyafowuna enjalo yimincili.)*

1.2.1 Ngubani lo mntu athetha ngaye uMate kunoNomhi? (1)

1.2.2 Xela ukuba bazana njani uMate noDuke. (1)

1.2.3 Sesiphi esi sigqibo athi uMate kufuneka esithathile uNomhi ? (2)

1.2.4 Yeyiphi le ngxaki athi ukuyo uNomhi ngokwakwesi sicatshulwa? (2)

1.2.5 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zikwizibiyeli.

Intetho kaMate ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa imveza njengomphathi (onobubele/onenyani/okhohlakeleyo). (2)

1.2.6 Asixelela ntoni ngoNomhi amagama akwizibiyeli kwesi sivakalisi singezantsi.

'*(Emanga ngemincili.)* Usis'thandwa Mhimhi.' (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2.7 Tshatisa inkcazelo ekuKHOLAM B ehambelana nendawo ekuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (a) = (vi)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Umntu owazisa uNomhi ngokubanjwa kukaNzima. | (i) Yijaji |
| (b) Umntu owathengisela uThembi iphephandaba. | (ii) NguVido |
| (c) Umntu owawisa isigwebo enkundleni yamatyala. | (iii) NguBizzah |
| (d) Umntu owakhuthaza uNomhi ukuba athandane noDuke. | (iv) NguThembi |
| | (v) NguMate |

(4 x 1) (4)

1.2.8 Sifundiswa ntoni ngothando kule drama? Xhasa impendulo yakho.

(a) Esikufundiswa ngothando kule drama kukuba ... (1)

(b) Xhasa impendulo oyinike ku-a. (2)

1.2.9 Nika izenzo ezibi zibeZIBINI zikaMate ezinokwenza ukuba ungamthandi ezivelayo kwesi sicatshulwa. (2)

1.2.10 Uyavumelana nesenzo sikaNzima sokuya kulanda uNomhi kwaDuke? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[40]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**INOVELI: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo**

**UMBUZO 2**

2.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

'Ngaba angobani la madoda andileqayo? Athunywe ngubani? Ndenze ntoni? Hayi andazi,' Utsho ebeka izandla emehlweni okomntu olilayo. Uvakele esithi uBiggs kuye, 'Ungaxhali kakhulu, bakho abantu abazalana nawe abanokuthi babe ngakwicala lakho xa ufikelwa ziintshaba. Uze wena wazise umkhuluwa wakho ... Ndiqinisekile ukuba uza kukunika amacebo aphilileyo.'
'Umkhuluwa wam! Ngubani umkhuluwa wam?' Ubuze engathi umangalisiwe uLuwanika. UBiggs uthe cwaka umzuzwana okomntu ocingayo. Uvele naye nowakhe umbuzo othi, 'Nibangaphi kanti kokwenu?'
'Sibabini, ndim nodade wethu ondalekelayo uNora, akukho wumbi.' Uthe uBiggs akuva le ngxelo, waqonda ukuba ukuthetha ngoKhanyizire othe ungumkhuluwa kaLuwanika akusayi kulunga. Uqukumbele ngelithi, 'Bendiba unaye umkhuluwa. <u>Kuya kufuneka siyiphande le nto</u>.'

2.1.1 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha igama elichanekileyo kwizibiyeli.

Umbuzo kaLuwanika othi, 'Ndenze ntoni?' ubonisa (indlela onwabe ngayo/indlela umoya wakhe obuhlungu ngayo). (1)

2.1.2 Yintoni le ibangela uLuwanika abenentliziyo ebuhlungu ngokwesicatshulwa? (2)

2.1.3 Chaza okuthethwa leli binzana lingezantsi ...

'... ebeka izandla emehlweni okomntu olilayo.' (2)

2.1.4 Xela into ibeNYE atyholwa ngayo uLuwanika kule ncwadi. (1)

2.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Intetho kaBiggs ethi: '… Ungaxhali' imveza njengomlinganiswa:

A Ongenaluvelwano
B Okhohlakeleyo
C Onovelwano
D Ongakhathaliyo (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.6 Xela ukuba iveza ukuba baza kwenza ntoni ooBiggs le ntetho ithi, 'Kuya kufuneka siyiphande le nto'. (2)

2.1.7 UBiggs wayengesosithandwa sikaLuwanika. Ngqina oku ngokwasencwadini. (2)

2.1.8 Zeziphi iindaba uBiggs awazixelela uLuwanika ngokwasencwadini? (2)

2.1.9 Chaza ukuba ubuhlobo bukaSakayire noKasayi bubudale njani ubutshaba phakathi kukaLuwanika noNyikita. (2)

2.1.10 Kwenzeke ntoni kuNyikita ngenxa yesenzo sikaSibusiso sokufuna abantu bokuhlasela uLuwanika? (2)

2.1.11 Cacisa ukuba ukungafunwa kukaLuwanika nguNkosi uMwera kubenesiphumo esihle. (3)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**

Ubona nje abona bantu bandilahlekisayo nguSakayire lo ekunye noKasayi. Ngabo aba bandihlohle umoya ombi kuba befuna inzuzo. Nangoku imfuyo kaNyikita ibiwe ngabo.Eyakho isinde ngokuthi wena ubashiye ngengqondo. Andizange ndiqonde ukuba kanti ndiyasetyenziswa ngala maxhalanga.

'Ndicela uxolo kuwe ndaye ndivuyela ukuba ndikubone phambi kwetyala eli.' Udomboze watsho uMwera. ULuwanika umxolele waza wamxelela ukuba wayesazi ukuba yena Mwera uphantsi kweempembelelo zeentshaba zakhe. Ube nosizi kakhulu uLuwanika akubona ingangalala, unkos' uMwera, ephalaza iinyembezi, **ezisola ngento ayenzileyo**.

Ukufika kukaLuwanika noKhanyizire kuwushukumisile umzi waseLilongwe. Uluntu luqondile ukuba imini yamatyala isondele. Ngenxa yengxolo kaLuwanika amapolisa aseMalawi ayaleze kwawoMzantsi Afrika ukuba kuthunyelwe uNyikita oseKaladokhwe kuba elelona ngqina libalulekileyo kwityala leenkomo ezibiweyo.

2.2.1 Ngubani lo uthi ulahlekisiwe ngooSakayi? (1)

2.2.2 Xela ukuba bazana njani uMwera noSakayire. (1)

2.2.3 Sesiphi isigqibo esithathwe nguLuwanika ngoNkosi uMwera ngokwasencwadini? (2)

2.2.4 Yeyiphi le ngxaki athi ukuyo uMwera? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.5 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zikwizibiyeli.

Intetho kaMwera ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa imveza njengomphathi (onobubele/ongcolileyo/onesazela). (2)

2.2.6 Nika umfanekiso ngqondweni oziswa libinzana elingezantsi?

'Ngenxa yengxolo ...' (1)

2.2.7 Tshatisa inkcazelo ekuKHOLAM B ehambelana nendawo ekuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (a) = (vi)

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Ukubalekiswa kukaLuwanika. | (i) | NguDoyle |
| (b) | Ukuhlatywa kukaKhasi. | (ii) | NguBiggs |
| (c) | Ukuhliselwa kukaSibusiso emsebenzini. | (iii) | NguToyi |
| | | (iv) | NguNora |
| (d) | Ukufunwa kwamaphepha abonisa ukusetyenziswa kwemali kuDliso. | (v) | NguLuwanika |

(4 x 1) (4)

2.2.8 Sifundiswa ntoni ngokuthembeka kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.9 Nika izenzo ezihle zibeZIBINI zikaDoyle ezinokwenza ukuba ubawele ukuba nguye. (2)

2.2.10 Uyavumelana nesenzo sikaNyikita sokungavumi ukubuyela eMbera phantsi kwenkosi uMwera? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[40]**

**AMANQAKU EWONKE: 40**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2022**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 40**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ama-6.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UNCWADI**

**IMIGAQO YOKUMAKISHA**

1. Ukuba ukunombola iimpendulo akuhambelani nombuzo, makisha ngokukhokelwa yimemo.

2. Ukuba isiphene sopelo sichaphazela intsingiselo yempendulo efunekayo, oko kuthatyathelwa amanqaku. Ukuba intsingiselo ayichaphazeleki, oko kumakishe njengokuchanekileyo.

3. Ukuba umviwa uphose ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa eyalelwe ukuba makacaphule, **musa ukumohlwaya.**

4. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina ngento/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ekumele ziqwalaselwe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: IDRAMA**

**UMBUZO 1**

**IDRAMA: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.1 | 1.1.1 | ...into eyenziwa nguNomhi.√ | (1) |
| | 1.1.2 | Kukugula kukatata wakhe√√/ kukuba utata wakhe eza kuyeka ukuphangela√√/ kukuba engazukubanamali yokuya esikolweni.√√ | (2) |
| | 1.1.3 | ...kudala egula.√√ | (2) |
| | 1.1.4 | Sisifo sentliziyo.√ | (1) |
| | 1.1.5 | C√ C onosizi√/ onosizi.√ | (1) |
| | 1.1.6 | Ukuba uya egula kakhulu√√/ iya ibambi impilo yakhe√√/ iya isaphuka kakhulu. √√ | (2) |
| | 1.1.7 | Uyeke esakufuna kuba uNzima uthi intliziyo yakhe ibuhlungu kuba ezibona engazukwazi ukuqhubeka nesikolo√√/kuba uthi amathemba akhe okuya esikolweni atshabalele.√√ | (2) |
| | 1.1.8 | Zezokuba uNzima evumelekile ukuba angene kuloNomhi.√√ | (2) |
| | 1.1.9 | Ngokuthi uNzima amazi apho akhoyo uNomhi ngokuboniswa nguVido idilesi eleteni.√√ | (2) |
| | 1.1.10 | Kubekho ingxabano kuba uNomhi efuna ukuya kucacisela uNzima okwenzekayo ukuze atshate noDuke ekubeni babenze isibhambathiso.√√ | (2) |
| | 1.1.11 | (a) Kwenze ukuba uNzima noNomhi bangakwazi ukuba kunye esikolweni√/ ukuba bahambe baye kufunda esikolweni esinye.√ | (1) |
| | | (b) Loo nto yakhokelela ukuba uNomhi adibane noDuke athandane naye√√/ adibane noDuke atshate naye.√√ | (2) |

**KUNYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.2 | 1.2.1 | NguDuke.√ | (1) |
| | 1.2.2 | Bangabahlobo.√ | (1) |
| | 1.2.3 | Sesokuthandana noDuke.√√ | (2) |
| | 1.2.4 | Yeyokubanjwa kukaNzima.√√ | (2) |

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2.5 ...okhohlakeleyo.√√ (2)

1.2.6 Ukuba uyavuya xa esithi uNomhi uza kuthatha isigqibo√/ uvuyela ukuba esiva ngaye uNomhi√/ impendulo ayinikwa nguNomhi iyamvuyisa.√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

1.2.7 (a) (ii) √ / (ii) nguVido.√/ nguVido.√
(b) (iii) √ / (iii) nguBhizzah√/ nguBhizzah.√
(c) (i) √ / (i) Yijaji√/ Yijaji.√
(d) (v) √/ (v) nguMate√/ NguMate.√ (4)

1.2.8 a. Ukuba uthando lumelana neemeko zonke√/ alupheli√/ lunamandla.√ (1)

b. kuba uNzima noNomhi badlule kwiimeko ezinzima besahlukaniswa kodwa abade bohlukana√√/ uNomhi khange ayeke ukumthanda uNzima nangona ebesele etshatile√√/ uNzima khange amncame uNomhi nangona ebesetshate noDuke.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo exhaswe ngokukuko iya kwamkeleka.] (2)

1.2.9 Sesokuthanda iindaba zabanye abantu.√
Sesokulawula ubomi babanye abantu.√
Sesokungabinavelwano.√
Sesokuhlekisa ngokubanjwa kukaNzima.√

[Nasiphi na isibini esichanekileyo] (2)

1.2.10 Ndiyavumelana kuba sibonisa uthando lwenyani analo kuNomhi√√/ kuba ugcine isibhambathiso awasenza noNomhi sokwahlulwa ziindudumo.√√

OKANYE

Andivumelani kuba sibonisa ukuba uNzima uyadelela kuba uNomhi ngumfazi wenye indoda√√/ kuba wayenokwenzakaliswa nguDuke.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[40]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2**

**INOVELI: NANDIWEZA –Mbulelo N**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.1 | 2.1.1 | … indlela umoya wakhe obuhlungu ngayo.√ | (1) |
| | 2.1.2 | Kukuleqwa ngamadoda angawaziyo.√√ | (2) |
| | 2.1.3 | Lithetha ukuba wayengalili wayesenza ngathi uyalila.√√ | (2) |
| | 2.1.4 | Utyholwa ngokubulala inkosazana√/utyholwa ngokuba iinkomo zikaNyikita.√ | (1) |
| | 2.1.5 | C√ / C Onovelwano√/ Onovelwano.√ | (1) |
| | 2.1.6 | Iveza ukuba baza kuyilandelela.√√ | (2) |
| | 2.1.7 | Kunjalo, uBiggs ungumqeshi kaLuwanika.√√ | (2) |
| | 2.1.8 | Zezokuba iinkomo zikaLuwanika uzithathile wazisa kwifama yakhe.√√ | (2) |
| | 2.1.9 | Ngokuthi babe inkomo zikaNyikita bathi zibiwe nguLuwanika.√√ | (2) |
| | 2.1.10 | Uhlaselwe ngabantu ababethunye nguSibusiso becinga ukuba bahlasela uLuwanika√√ | (2) |
| | 2.1.11 | Kuba uLuwanika ubaleke waya kuDoyle√, kwaza oko kwakhokelela ukuba asebenze de afunde abekwisikhundla siphezulu.√√ | (3) |

**KUNYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 7.2 | 2.2.1 | NguMwera.√ | (1) |
| | 2.2.2 | UMwera uyinkosi ze uSakayire abeliphakathi lakhe.√ | (1) |
| | 2.2.3 | Sisigqibo sokuxolela uNkosi uMwera.√√ | (2) |
| | 2.2.4 | Yeyokuzibona ebanjwa.√√ | (2) |
| | 2.2.5 | … onesazela.√√ | (2) |
| | 2.2.6 | Ngumfanekiso- ngqondweni wendlebe√/ ngowokuva.√ | (1) |
| | 2.2.7 | (a) (ii)√ / (ii) Biggs√ /Biggs√<br>(b) (iii)√ / (iii) Toyi√ /Toyi√<br>(c) (i)√ / (i) Doyle√ /Doyle√<br>(d) (v).√/ (v) Luwanika√/ Luwanika.√ | (4) |

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.8 Ukuba ukuthembeka kulungile√/ kunomvuzo√ kuba uLuwanika uthe kuba ethembekile kuBiggs, wamnceda ngokumbalekisa amsindise kwiintshaba zakhe√√/ uthe etyholwa nguSibusiso ngokuba imali wafunyaniswa emsulwa ngenxa yobungqina athe wabuveza abubonisa intembeko√√/ uKhanyazire obekwiqumrhu ebelisukela ujike wamlumkisa ngenxa yentembeko yakhe uLuwanika.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo exhaswe ngokukuko iya kwamkeleka.] (3)

2.2.9 Kukwamkela uLuwanika engamazi√.
Kukufunela uLuwanika indawo yokuhlala.√
Kukubaneliso kubasebenzi bakhe.√

[Nasiphi na isibini esichanekileyo.] (2)

2.2.10 Ndiyavumelana kuba ebesoyikisela ubomi bakhe kuba emazi uMwera yinkosi ekhohlakeleyo √√

Okanye

Andivumelani kuba ebefanele ukuya ayokuva akubizelwayo.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[40]**

**AMANQAKU EWONKE: 40**